VAKALISA ULUVO LWAKHO

Ikhwelo leZingeniso kunye neZimvo zoLuntu

IKomiti eKhethekileyo yezeMali imema abachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo malunga noMthetho-sihlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (ukuLwa nokuHlanjwa kweMali kunye nokuLwa nokuXhaswa ngeZimali koBunqolobi) [B15B – 2026]

UMthetho-sihlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (ukuLwa nokuHlanjwa kweMali kunye nokuLwa nokuXhaswa ngeZimali koBunqolobi) [B15B – 2026] ujolise ekulungiseni:

- uMthetho weeNkampani eziNkulu, ka-1984
- uMthetho weMibutho Engenzi Nzuzo, ka-1997
- uMthetho weZiko loLwazi ngezeMali, ka-2001
- uMthetho weeNkampani, ka-2008 kunye
- noMthetho woLawulo lweCandelo lezeMali, ka-2017

Lo Mthetho oYilwayo ujolise ekuqiniseni inkqubo yelizwe eyi-AML/CFT ngokujongana neentsilelo eziseleyo ezachongwa kwiNgxelo yoVavanyo oluHlangeneyo lwe-FATF yowama-2021 malunga noMzantsi Afrika, kwakunye nangexesha lenkqubo yokulungisa imeko eyakhokelela ekubeni uMzantsi Afrika uphume kuluhlu olungwevu lwe-FATF ngeyeDwarha kaa-2025.

Iindibano zoluntu malunga noMthetho-sihlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (ukuLwa nokuHlanjwa kweMali kunye nokuLwa nokuXhaswa ngeZimali koBunqolobi) [B15 – 2026] ziya kubanjwa ngoLwesithathu, umhla wesi-02 kweyoMnga ngo-2026.

Izingeniso mazifakwe ingadlulanga intsimbi ye-12:00 ngoMvulo, umhla wama-30 kweyoMnga 2026.

Abo banqwenela ukwenza izingeniso kwiintlanganiso zoluntu ngoLwesithathu, umhla wesi-02 kweyoMnga ka-2026, bamele bakucele ngokucacileyo oku.

Iintlanganiso ziza kuqhutywa ngoZoom.

Izingeniso kufuneka zibhekiswe kuNobhala weKomiti, uMnu Nkululeko Mangweni ku-nmangwen@parliament.gov.za

Ikhutshwe ngoHloniphekile. uNks S Ndhlovu, iLungu lePalamente, uSihlalo: iKomiti eKhethiweyo yezeMali (iBhunga leSizwe lamaPhondo).